

CAPS

maskew miller learning

IBANGA 2

INGQOKELELA YEETEKISI

# Platinum Masikhanyise

EXTRACT PAGES

N. G. Minya • N. N. Swartbooi • S. Mazantsi

**Platinum Masikhanyise Ibanga 2  Ingqokelela yeetekisi**

Maskew Miller Learning
10 Freedom Way, Milnerton, Cape Town, 7441

© Maskew Miller Learning (Pty) Ltd 2025

Onke amalungelo agciniwe. Akukho ngxenye yale ncwadi inokuthi iphinde yenziwe ngokutsha, igcinwe koomatshini okanye isasazwe nangaluphi na uhlobo, okanye nangayiphi na indlela, eyombane, eyomatshini, eyokufota ikopi, eyokurekhoda, ngaphandle kwemvume ebhaliweyo efumaneke kwangaphambili yalowo unelungelo layo nongumniniyo.

Ukuba ufuna imvume yokwenza ngokutsha nayiphi na ingxenye yale ncwadi, xhumana neSebe lamaLungelo neMvume kule nombolo 021 532 6000 okanye ungathumela i-imeyile kwi: rightsgranting@mml.co.za. Ukuxela ukophulwa kwamalungelo, nceda uthumele i-imeyile ku: copyright@mml.co.za.

ISBN 978-1-834-95137-9
ePDF ISBN 978-1-779-89584-4

Umpapashi nguSheila Xaba
Umhleli olawulayo nguKuhle Sentwa
Yahlelwa nguNompumelelo Sylvia Mafrika
Umphandle wencwadi uyilwe yiMML Visual Design
Umfanekiso wekhava yiMML
iNcwadi iyilwe yiMML Visual Design
Imifanekiso yiMML
uMdibanisi wonobumba abaza kushicilelwa yi-The Icon Agency
Ishicilelwe ngu

EXTRACT PAGES

# Isalathiso


## Ikota 1

Ibali loku-1: Abahlobo benene (Abali elingeyonyani) . . . . . . . . . . . . . . . . 1

Ibali lesi-2: Ingqokelela yemibongo . . . . . . . . .7

Ibali lesi-3: Isidima somntu (Itekisi enika ulwazi) . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . 13

Ibali lesi-4: Ihagu encokola yodwa (Intsomi) . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . 19

Ibali lesi-5: Iapile lokugqibela (umdlalo) . . . .25

## Ikota 2

Ibali lesi-6: Kwilali yaseDudumashe (Ibali elingeyonyani) . . . . . . . . . . 31

Ibali lesi-7: Ilaphu elimhlop[illegible] (Umdlalo) . . . .37

Ibali lesi-8: Ingqokelela yemibongo . . . . . . . .43

Ibali lesi-9: Ub[illegible] Mzantsi Afrika (Itekisi enika ulwazi) . . . . . . . . . . .49

Ibali le-10: Iz[illegible]yana ziluncedo (Ibali eliyinyani) . . . . 55 . . . . . . . . . . . .55

## Ikota 3

Ibali le-11: Izithuthi ezisetyenziswayo ezifikelelekayo (Ibali eliyinyani). . . 61

Ibali le-12: UMajeke no[illegible]thi we[illegible]botyi (Intsomi) . . . . . . . . . . . . . . . . . . .67

Ibali le-13: UJim[illegible]ny [illegible]ezzi bayafunda (Ibali eliyinyani). . . . . . . . . . . . . . . .73

Ibali le-14: [illegible]m[illegible]ulo nemibongo . . . . . . . . . . .79

Ibali le-15: Ukufuna inkululeko (Intsomi) . . . .85

## Ikota 4

Ibali le-16: Ingqokelela yemibongo . . . . . . . . . 91

Ibali le-17: Mhla yakwazi ukukhala ikati (Intsomi) . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . .97

Ibali le-18: Ulwimi nenkcubeko (Itekisi enika ulwazi) . . . . . . . . . . .103

Ibali le-19: Ukubaluleka kokulima nokufuya (Ibali eliyinyani). . . . . . .109

Ibali lama-20: Uthando ngundoqo (Umdlalo) . . . . . . . . . . . . . . . . 116

Amagama neenkcazelo . . . . . . . . . . . . . . . . . .123


EXTRACT PAGES

EXTRACT PAGES

# Ibali loku-1: Abahlobo benene

**Imibuzo phambi kokufunda**

1. Funda isihloko sebali. Ucinga ukuba ibali liza kuthetha ngantoni?
2. Nika uphawu lomhlobo wenene.

Kwenye indawo kwakukho amakhwenkwana amabini ayevana kakhulu ehlala endaweni enye. UZakhele noKaxu babethanda ukudlala kunye lonke ixesha xa bebuya esikolweni nangeempela-veki. Andisathethi ke ngeeholide wawungade ungazi ukuba ngowuphi ohlala phi kuba babesoloko bekunye. Yonke into beyenza kunye. Babengohlukani tu bengumtya nethunga. Wayemde uZakhele ngesithomo kanti uKaxu yena emfutshane. Emdlalweni wabo babesoloko becinga ukwenza izinto. Babesoloko bephupha ngokwakha izakhiwo ezide, kangangokuba bazikrwece isibhakabhaka. Ukuphupha ngento enje kwakuyinto ebonakala ingenakwenzeka kodwa bazixelela ukuba baza kuyizama into nokuba ayiphelelanga.



EXTRACT PAGES

Ngenye imini bacinga ukuba mabazenzele intente abaza kudlala kuyo xa kushushu okanye kusina. Bagqiba ukuba le ntente kulapho baza kuncokola khona kwaye bahleke isiqhazolo sentsini kwaye boje nenyama. Bacinga amacebo okuba baza kuyakha njani kwaye baza kusebenzisa ntoni. Baqokelela yonke into ababecinga iza kusebenza ekwakhiweni kwentente. Baqokelela amaplanga neeseyile. Bacela kubazali bakaKaxu ukuba bayenzele ngasegadini apho kwakukho indawo enkulu. Babe nemibono ngendlela eza kujongeka ngayo le ntente.



EXTRACT PAGES

UZakhele wayefuna ibe neekona ezine ngeli lixa uKaxu wayefuna ifane noronta. Babengavumelani ke ixesha elininzi bexambulisana, ngakumbi ngoku kanye bayenzayo. UKaxu ebethanda ukucebisa ngohlobo abona ngalo kwaye afune kwenziwe ngalo. UZakhele naye kwelakhe icala ufuna kwenziwe ngohlobo lwakhe. Ebengathandi ukuphikiswa uZakhele ube ecaphuka kangangokuba ade afune nokulila, akhalale. Kulapho ke bebucaca khona ubuhlobo obububo kuKaxu. Xa bengavani tu, uKaxu ebemcela uZakhele bahlale phantsi babonisane. Kodwa ekugqibeleni, ububone bephakama kwaye bencedisana.



EXTRACT PAGES

Kwakubakho namaxesha apho babecinga abasayi kuze bagqibe ukuyenza kwaye bafune nokuyiyeka. Kodwa uKaxu ebemkhuthaza uZakhele. Babesebenza ngengoma. Uve uZakhele esithi, “Hayi, ingathi iyadibana.” Aphendule uKaxu, “Soze singayigqibi.” Ukuzimisela kwabo kuko okwakubenza bazive benamandla okuqhubela phambili. Wonke ubani uyafuna ukulibona iphupha lakhe lifezeka. Kukho nabantu ababebukele ngantlanye bethetha bencoma abanye, abanye bethule nje befuna ukubona isiphelo sayo le ntente yakhiwayo. Iintetho ezikhuthazayo zazibapha amandla ngakumbi nangakumbi. Babengazimameli ezo ziphuma kubachasi abagxekayo.



EXTRACT PAGES

Tyhini le! Ekugqibeleni bade bayigqiba intente yabo. Kwaba yimincili engathethekiyo kwesi sibini. Bavuya nabo bebebakhuthaza inguviiityo-tyo-tyo! Viviiityooo!! Kumnandi ngendlela ekhethekileyo. Kwakumnandi kwezo ntsuku behlala kwintente yabo enguronta. Bave bencokola ooquhe noofezela bethetha nangezinto abaza kuzenza xa bebadala. "Sisiqalo esi kukude apho siya khona, mhlobo wam," utshilo uKaxu ezibhijabhija umzimba lo lulonwabo. Bahleke isiqhazolo kumnandi mpela koonkabi. Bebekhumbuzana nangeengxabano zabo zokungaboni ngasonye ngethuba besakha intente. Kowu! Akukho nto emnandi njengentsini yasententeni.



EXTRACT PAGES

Hayi ke yaba yenzekile indaba. Kuye kwacaca ukuba ubuhlobo abakheki kuba abantu bebona ngasonye lonke ixesha. Abantu bangohluka ngeembono kodwa loo nto ayinamandla wokugqiba ubuhlobo phakathi kwabo. Izinto ziyoniwa ngendlela ezoniwa ngayo zibuye zilungiswe ngothando buqhubeke ubuhlobo. UKaxu ubonise umonde nokumnyamekela umhlobo wakhe uZakhele ngenxa yothando analo kuye. Naye uZakhele uboniseke lula. Bonwaba aba bahlobo emva komsebenzi wobambiswano omkhulu kangako. Babiza nabanye abahlobo babo benza ibrayi konwatywa kuculwa kujayvwa kuyiloo nto.



EXTRACT PAGES

### Imibuzo yasemva kokufunda

1. Thelekisa isithomo sikaZakhele nesikaKaxu. Zazohluke njani?
2. Bekungenzeka ntoni xa bebexabene bancanywa sebeza kuyigqiba?
3. Ucinga ukuba yenjani intsini esisiqhazolo?
4. Chaza ukuba uZakhele wayengumntu onjani.
5. Shwankathela eli bali lingadluli kwizivakalisi ezine.

# Ibali lesi-2: Ingqokelela yemibongo

## Imibuzo yaphambi kokufunda

1. Jonga kumbongo othi: Unyawo lokonwaba nomfanekiso wawo. Qikelela ukuba kuza kuthethwa ngantoni.
2. Ucinga ukuba unyawo lokonwaba yintoni?

## Unyawo Lokonwaba



Nal' ibali ngomdlali wesoka,
OnguNqina kaNqina, kodwa walitshintsha,
Igama lakhe languNyawo lokonwaba.
Uyakwazi ukudlala ngeenyawo,
Iinyawo zakhe zinomculo,
Uqengqa ibhola kube ngamantyontyela,
Nabachasene naye bayamntyontyela.

Ulibhabhathane phezu kwebhola,
Iinyawo zakhe ebholeni, ziyimela,
Imela eshushu ebhotolweni,
1,2,3 ugqithile emadodeni.
Liqwarhashe ukukhaba,
Ungcangcazile umnatha,
Vi-i-ityo!! Unozinti angothuswa.

EXTRACT PAGES

## Imibuzo yasemva kokufunda

1. Zingaphi izitanza kulo mbongo?
2. Jonga isitanza 2, sesiphi isilwanyana afaniswa naso.
3. Uthini umyalezo wombhali?

**Imibuzo phambi kokufunda**

1. Unqwenela ukuba yintoni xa umdala?
2. Ucinga ukuba umsebenzi wobumongameli ulula?

## Ukuba bendingumongameli

Ukuba bendingumongameli,
Bendiza kuwababamba onke amasela,
Ngokuba aba izinto zesikolo,
Abantwana bangakwazi ukufunda,
Kwaye bangasithandi isikolo.

Ukuba bendingumongameli,
Ndingawucutha umsebenzi wesikolo wasekhaya,
Ukuze sifumane ixesha lokudlala
Ngokuba kufuneka sidlobe
Oku kwamatakane ebhokhwe.



EXTRACT PAGES

**Imibuzo emva kokufunda**

1. Nika isizathu sokuba umbhali afune ukuwababamba onke amasela.
2. Bhala igama elithetha into enye neli: sidlobe.
3. Sebenzani ngabathathu nibhale ngeempawu zomongameli. Zifundeni apha eklasini.

## Imibuzo phambi kokufunda

1. Utatomkhulu onaye ingaba ngutata kamama wakho okanye ngutata katata wakho?
2. Wenza ntoni notatomkhulu wakho ukuba unaye?

# Uphi Tat'omkhulu?



Sihleli sodwa isitulo sakho,
Ikhedamile nekomityi yakho,
Inesithukuthezi intonga yakho,
Kungathi siza kuva ilizwi lakho.
Uphin'utat'omkhulu!

Ndikhumbula xa usithi masitye kunye,
Ndikhumbula xa sicula sobabini,
Ndikhumbula xa undosula noxhaphile,
Ndikhumbula xa undibalisela iintsomi,
Uphi n'utat'omkhulu!

EXTRACT PAGES

## Imibuzo emva kokufunda

1. Dwelisa izinto ezintathu zikaTat'omkhulu azibonayo umbhali.
2. Ucinga ukuba uphi lo tat'omkhulu ambuzayo?
3. Ucinga ukuba bonke abazukulwana bakhumbula ezi zinto zikhunjulwa ngumbhali kulo mbongo?
4. Uthini umyalezo walo mbongo?

## Imibuzo phambi kokufunda

1. Bala imibala oyibonayo.
2. Biza imibala ngamagama awo.

# Imibala

Ndithanda umbala mhlophe,
Ngokuba wenza intliziyo mhlophe.
Ndithanda umbala omthubi,
Ngokuba nam ndiyawuthanda umthubi.
Ndithanda ibala elimdaka,
Ngokuba nam ndimdaka ngokwebala.
Ndithanda umbala oluhlaza,
Ngokuba ndithanda umfin'oluhlaza.



EXTRACT PAGES

## Imibuzo emva kokufunda

1. Uyavumelana nokuba umbala omhlophe uyenza mhlophe intliziyo?
2. Zoba iibhola zibe mbini zibe nemibala engafaniyo. Bhala igama lombala webhola nganye ecaleni kwayo.

## Imibuzo phambi kokufunda

1. Funda isihloko sombongo. Ucinga ukuba lo mbongo uza kuba ngantoni?
2. Jonga umfanekiso ongezantsi, ucinga ukuba usana luziva njani?

# Izandla zikamakhulu

Izandla zakhe zithambile,
Njenge zikantemekwane.
Zisiphulula kamnandi emqolo,
Soloko zikhupha isilumkiso.
Xa ungaqapheli, uya kuphuma iliso,
Kwaye uwe ngobuso.
Izandla zakhe ziphaka ngokulinganayo,
Ngokuba usithanda sonke ngokufanayo.
Hee! Uqhwaba izandla xa umphoxile,
He-he! Aziqhwabe xa umamelisile.



EXTRACT PAGES

## Imibuzo emva kokufunda

1. Izandla zika makhulu zifaniswa nezika bani?
2. Funa igama elithetha into enye neli: ntemekwane
3. Gqibezela: Ziziphulula kamnandi em_______.
4. Izandla zikamakhulu ziphaka ngokulinganayo. Ewe okanye Hayi?
5. Zoba umfanekiso womntu omthandayo. Ingaba ngumakhulu, utatomkhulu, umama, utata wakho.

**Imibuzo phambi kokufunda**

1. Masicengceleze lo mthandazo:
   Yanga iNkosi
   Ingeva umthandazo
   Wabantwana abancinane
   Ngenxa kaYes'uKrestu
   Inkosi Yethu
   AMEN
2. Niya wucengceleza nina esikolweni sakho?

## Umthandazo Wenkwenkwana

Ndicela undigocagoce, Nkosi,
Ndikwaz'ukubeka umbeko wangomso.
Ndicela undigocagoce, Nkosi,
Ndikwazi ukucinga ngengomso.
Ndicela undigocagoce, Nkosi,
Nam ndibe yinto ngengomso.
Ndicingele abanye ngengomso,
Ngokuba bona bali[illegible]omso,
Kwaye alaziwa [illegible]omso.



**Imibuzo emva kokufunda**

1. Unemiqolo emingaphi lo mbongo?
2. Ucinga ukuba ngubani le Nkosi athetha nayo?
3. Eyona nto ithandazelwa yile nkwenkwana yintoni?
4. Chonga elona gama liphindwa-phindwayo kulo mbongo.
5. Bhala owakho umbongo ongumthandazo onesitanza esinye. Fundela abanye eklasini.

EXTRACT PAGES

# Ibali lesi-3: Isidima somntu

**Imibuzo yaphambi kokufunda**

1. Ucinga ukuba yintoni isidima.
2. Umntu onesidima ngumntu onjani?

Ilungelo lesidima somntu liqulathwe kumgaqo-siseko wesizwe lethu, uMzantsi Afrika. Kulapho kuchazwa khona ukuba wonke umntu unelungelo lokuhlonitshwa nokukhuselwa kwesidima sakhe. Ukuhlonitshwa kwesidima kuthetha ukuhlonipha umntu ngamnye, kwaye nelungelo lomntu ngamnye lingajongelwa phantsi okanye liphathwe ngendlela ethoba isidima sakhe okanye liphoxise ngesidima sakhe. Umthetho omkhulu wesidima somntu uthi: baphathe abanye ngendlela obuya kuthanda bakuphathe ngayo. **Uxanduxa esinalo singabantu kukuba sihloniphe ukwahluka kwabantu. Simamkele umntu njengoko enjalo.** Abantu abafani kwaye akekho onjengawe. Akulunganga ukufanisa umntu nomnye.



EXTRACT PAGES

# Ilungelo kugutyulo-lindle olufanelekileyo.







Ukufikelela kugutyulo-lindle olucocekileyo, olukhuselekileyo, nolwamkelekileyo lilungelo loluntu. Oku kunegalelo ekuphuculeni impilo yoluntu, isidima, nokugcina okusingqongileyo kucocekile ukuze sikhusele ukunwenwa kwezifo. Umzekelo, urhulumente wocalucalulo wathoba isidima somntu omnyama ngokucinezela amalungelo akhe. Abantu abamnyama, ngakumbi ezidolophini, babesebenzisa amabhakethi kwizindlu zangasese, kanti ezabelungu nezezinye iintlanga zindlu zazigungxulwa njengoko kusenziwa kule mihla kwiindawo ezininzi.
**Abantu banoxanduva lokuthobela imithetho yococeko, bakhathalele izinto zogutyulo-lindle, kwaye bagcine iindawo abahlala kuzo zicocekile.**

EXTRACT PAGES

# Isidima kukhathalelo lwempilo



EXTRACT PAGES

Zonke izigulane zifanele ukuphathwa ngentlonipho novelwano xa zifuna uncedo lwezonyango. Oku kuthetha ukuba kufuneka kwenziwe zonke iinzame zokugcina isidima sezigulane. Okunika umdla, oogqirha bakubona oku njengomsebenzi wokunyamekela wonke umntu ofuna uncedo, ukuquka abophuli-mthetho neentshaba esilwa nazo emfazweni.

**Abantu banoxanduva lokukhathalela impilo yabo, batye amayeza ngokufanelekileyo, kwaye banike oonompilo iinkcukacha eziyinyani ngempilo yabo.**

# Ilungelo kukutya okukhuselekileyo



Ukubonelela abantu ngendlela ethembekileyo yokufikelela ekutyeni okufikelelelekayo ngamaxabiso nokunesondlo kugcina isidima somntu. Ukungakhuseleki kokutya kunako ukukhokelela kwinto yokuba abantu bangondleki kwaye oku kuchaphazele ezempilo, kubeke impilo yomntu ngamnye esichengeni kwakunye nentlalontle yomntu wonke.

**Abantu banoxanduva lokuzondla, lokondla iintsapho zabo, kwaye benze izinto eziza kubenza bafikelele ekutyeni okukhuselekileyo.**

EXTRACT PAGES

# Amalungelo abantwana





Ukukhuselwa kwamalungelo abantwana sisiqinisekiso sesidima sabo. Ngokuqinisekisa amalungelo labo lemfundo, ukuthintela ukuqeshwa kwabantwana, nokuqinisekisa ukhuseleko lwabo, sinako ukukhusela ubumsulwa babo kwaye sibabonelelele ngendawo efanelekileyo yokukhula nephuhlileyo.

**Abantwana banoxanduva lokuhlonipha abazali babo, iindawo abahlala kuzo, abanye abantwana, kwaye bakhathalele iziqu zabo kwaye benze imisebenzi yasekhaya.**



EXTRACT PAGES

# Ukuxhasa Amalungelo wabantu abakhubazekileyo

Umthetho walapha eMzantsi Afrika uthi akusayi kubakho lucalucalulo kubantu abakhubazekileyo, baya kuxhamla amathuba alinganayo kuwo onke amanqanaba obomi kwaye baya kukhuselwa ekuxhatshazweni nakuyo yonke impatho yokuxhatshazwa okanye ethoba isidima sabo. Lo mthetho ugxininisa into yokuba abantu abaphila nokhubazeko banamalungelo afanayo nabantu abangakhubazekanga kwaye uqinisekisa ukuba banokuthatha inxaxheba kwimisebenzi yemihla ngemihla ngaphandle kokujongana nemiqobo engeyomfuneko.

**Abantu abakhubazekileyo banoxanduva lokuzikhathalela, lokuhlonipha abanye abantu, kwaye badlale indima efanelekileyo kwiindawo abahlala kuzo.**



EXTRACT PAGES

**Imibuzo emva kokufunda**

1. Dwelisa amalungelo abalulweyo kweli bali.
2. Amalungelo la aqulathwe phi?
3. Leliphi ilungelo elihlanganisa nokukhuselwa kokunwenwa kwezifo?
4. Uyavumelana na ukuba ilungelo lomntu okhubazekileyo liyafana nelomntu ongakhubazekanga?
5. Yenza uphando usebenzisa i-intanethi ufune nokuba leliphi ilungulelo eliqulathwe kumGaqo siSeko. Lifunde eklasini.

# Ibali lesi-4: Intsomi - Ihagu encokola yodwa

## Imibuzo phambi kokufunda

1. Ihagu isoloko ingumlinganiswa onjani xa ufunda iintsomi?
2. Apha entlalweni yethu iziphatha njani?

Kwahlala kwahlala kwangantsomi. Kudala dala kwakukho ihagu eyayincokola yodwa: 'Yazi, njengokuba igama lam linguThulile nje, abantu nezinye izilwanyana bacinga ukuba andazi nto okanye andiziboni izinto ezenzekayo. Kanti, ukuba bebesazi ndingalitshintsha igama lam libe nguThulisile. Ndibathulise ngazo zonke ezi zinto bazicingayo ngam.

"Yazi bathini? Kodwa bayandityhola. Bathi ndimdaka, ndilixelegu lexaxavithi elinukayo kwaye andinazo iintloni. Andiqondi ukuba abantu kunye nezilwanyana zikhe zindiphe ixesha zindijongisise kakuhle. Yazi, mna ndicocekile. Andiyithandi indawo emdaka. Qha ke, uza kuthini ukungangcoli xa uhlala kwindawo encinci kuba yonke into uyenzela apha. Ndiyabawela abantu nezinye izilwanyana 'khe zibone ucoceko xa mna neetshomi zam sihlala kwindawo egabalala. Xa sizibhuqabuqa edakeni, asikwenzi okokuba singayazi into esiyenzayo. Ukuhlamba ngodaka yindlela yam yokuzipholisa ngoba andidalelwanga ukubila njengabantu nezinye izilwanyana."



EXTRACT PAGES

“Yazi enye into? Mna ndiyakwazi ukuziqeqesha kwaye ndifundiseka lula. Andifani nezinja zona zifundiswayo ngabanikazi bazo. Mna ndiyayazi indawo emandingangcolisi kuyo kwaye ivumba ndiligcina kude kunalapho ndihlala khona. Xa indalo indibiza, ndiyayazi ukuba mandiye phi na. Andizenzi ezi zinto abantu bacinga ukuba ndiyazenza. Yiyo loo nto ndisithi ngas’ke abantu nezinye izilwanyana zindibone xa ndikwindawo egabalala.”



EXTRACT PAGES

"Yazi, kukho enye into abantu abayiphazamayo ngam. Bonke abantu nezilwanyana bacinga ukuba kufuneka ndityebe. Ukutyeba ube ngustufuza kudala iingxaki kuzo zonke izilwanyana nabantu. Ukutyeba kakhulu kusenza, thina zihagu, sibe ndlongondlongo ngokuba sivalelwa kwiindawo ezixineneyo nezivalekileyo. Thina sifuna ukudlala, sidlobe, sitsibatsibe, kwaye sigrumbagrumbe umhlaba ngeempumlo zethu. Yindalo efuna senze le nto. Xa ndindlongondlongo, sukuba ndifuthaniselwa ngamafutha kuba kufuneka aphungulwe emzimbeni. Njengabanye abantu nezilwanyana, andifuni kutyeba. Qha ndifuna ukuhlala ndisempilweni."



EXTRACT PAGES

"Yazi, kukho nale nto yokuba abantu nezinye izilwanyana zicinga ukuba nditya nje yonke into ebekwa phambi kwam. Akunjalo tu kanti. Andisiso isirhovu sokutya. Xa kuthiwa nditya yonke into, akuthethwa ukuba kufuneka nditye nenyama okanye ukutya kwezinja. Soze undibone ndisitya inyama. Ndiyaxola kukutya iinkozo zombona, zengqolowa, amazimba, amagqabi aluhlaza, amadiza, kunye neziqhamo. Ndifane ndiyitye inyama ephekiweyo xa ndiyiphiwe, kodwa andiyixabisanga njengabantu nezinye izilwanyana. Ngabantu abenza nditye izinto endingazifuniyo kuba bona befuna. Ndiyazi thanda mna kakhulu kwaye andikulahli ukutya."



EXTRACT PAGES

“Yazi, ndiyayicaphukela into yokubonwa ndisisidenge sesiyatha. Bonke abatshoyo abayazi into yokuba ndikrele-krele. Ndifunda msinyane. Ndiyayazi ukuba ndikufumana phi ukutya okumnandi xa ndivunguza emhlabeni. Kwaye ndiquqa ndibuyelela khona. Ndiyamazi umntu ondihoyileyo, ndide ndazi igama, ilizwi nevumba lakhe. Ukuze uqonde ukuba ndinayo ingqondo, ndodlula nezinja nabantwana abaneminyaka emithathu. Wakhe wasibona phi isidenge esikwaziyo ukuzigodukela njengokuba abanye bekhatshelwa ekuseni baphinde baqokelelwe ukutshona kwelanga? Nokuba ndiphi na, ndiyakwazi ukuzigodukela, ndinkcunkce de ndifike ekhaya. Wakhe weva kusithiwa ihagu ilahlekile? Soze!”

EXTRACT PAGES



"Yazi, thina sifanelwe bubomi obulungileyo. Nathi siyaziva iintlungu njengezinye izilwanyana nabantu. Nalapha kuthi, bakhona abathuleyo nabandwebileyo, kwaye ndinayo iminqweno yokuhlala kwindawo egabalala ndikwazi ukukhulisa abantwana bam, ndibanjwe tofototofo, ndigrumbagrumbe umhlaba ngemhemfu kwaye mna neetshomi zam sizulazule ngokukhululekileyo. Ndiyathanda ukuviswa kamnandi, ndiphululwe esuswini, kwaye ndinyunjazwe. Kowu! Undibone ndiqikileka, ndincwina. Ho-ho-ho! Ho-i-Ho-i-Ho-i!"

## Phela phela ngantsomi!



EXTRACT PAGES

### Imibuzo emva kokufunda

1. Uzithethelela ngelithini uHagwana ukuphikisa ukuba yena umdaka.
2. Dwelisa amagama akule ntsomi achaza isimo sehagu entlalweni.
3. Le hagu ithi zenziwa yintoni ukuba zibe ndlongondlongo?
4. Sithini isifundo osifumana kule ntsomi?
5. Bhala kwakhona esi sivakalisi, ukhethe impendulo eyiyo kwizibiyeli.
   a. Xa indalo indibiza (andiyazi, ndiyayazi) ukuba mandiye phi.

# Ibali lesi-5: Umdlalo - Iapile lokugqibela

**Imibuzo phambi kokufunda**

1. Sithini isihloko salo mdlalo?
2. Ukhe uqaphele indlela okubaweleka ngayo ukutya kokugqibela xa okunye ukutya kuphele konke? Cacisa.

*USkhura wayeyinkwenkwana eyayiwathanda kakhulu amaapile. Wayengazithandi kakhulu ezinye izinto ezazityiwa ngabantwana besikolo ezifana namafetshu, izonka ezinepoloni nee-hotolo. Xa esiya esikolweni, ebeziphathela iapile lakhe. Ngelinye ixa, inkwenkwe engu-Jordan enemikhwa yobubhonyongo yayisoloko ilixutha iapile lakhe elibomvu. Kodwa izinto zathanda ukujika ngoku.*

Skhura: Ufane weza ukhefuzela. Ncama, awusoze ulifumane namhlanje, uqhelile.

Jordan: Kudala usitsho. Mna ndisoze ndingalityi iapile elibomvu.

Skhura: Sawukhe sibone. Ungakhe usondele kum.

Jordan: Okusala, awuzi kulitya. Umntwana kum.

Skhura: Nawe awuzolifumana. Kungcono silwe.



EXTRACT PAGES

Jordan: Kwedini, uyandinika okanye awundiniki eli apile phambi kokuba ndilihluthe?

Skhura: Ukuba uzithembile, ungalihlutha.

Jordan: Uzithembe ngantoni, kwedini? Kutheni ugoloza nje?

Skhura: Kaloku iapile lelam. Kudala uhlutha amaapile am. Nawe yiza nelakho kokwenu. Yenza le nto ufuna ukuyenza.

Jordan: Nigeziswa yile nto niyipasile itest katitshala.

Ntsokolo: (emkhomba ngomnwe) Ungakhe ulinge undifake mna. Ndakukhaba mna.

Umbalisi: Xa kanye eliphosa phezulu iapile uSkhura kuba edlala ngalo, walithi hlasi uJordan. Zaguquka izinto ekudala zizondana. Akazange uJordan afumane nethuba lokuba akhe alilume.



EXTRACT PAGES

*Yaba nguwele-wele kugcwele ngabanye abantwana bebona uJordan ethe tywaa phantsi.*

| | |
|---|---|
| Intombazana 1: | Tshotsho! Umbethe kancinci. Ligwala kanti eli. |
| Intombazana 2: | Jonga le nto ithe ntlubu amazinyo amdaka ngaphandle. Sis! |
| Inkwenkwe 1: | Uza kutsho ayeke ukuhlutha ukutya kwethu. |

EXTRACT PAGES



*USkhura noJordan babizwa ngutitshala wabo. Yaba ngulowo etyhola omnye.*

| | |
|---|---|
| Titshala: | Skhura, ufuna uJordan athini? |
| Skhura: | Ndifuna ayeke ukuhlutha iapile lam. Kudala ewahlutha. Ndidikiwe. |
| Titshala: | Jordan, uyenzela ntoni le nto? |
| Jordan: | As'ke abe mnandi la maapile akhe. Ndiye awahlafune kamnandi. Ngoku ke mna ndiwarhalele. |
| Titshala: | Kutheni ungaceli akulumkise okanye akushiyele? Uyazibona ngoku unjani? |
| Skhura *(ngomsindo)*: | Akaceli. Uvela nindihluthe. |
| Titshala: | Thula, Skhura. Andithethi nawe. |

EXTRACT PAGES



Titshala: Kucacile, Jordan, awukwazi kucela. Akulunganga ukuxutha ukutya kwabanye abantwana. Ndivile kudala uyenza le nto, kwaye izakufaka engxakini kwakunye nabazali bakho. Okwakho ukutya ukutya nabani?

Jordan: Ndodwa. Andisoloko ndinayo imali yefetshu.

Titshala: Mamela ke, kufuneka uzenzele umbeko kokwenu uzenawo esikolweni. Ndicebisa uwutye noSkhura ukuze naye akuphe iapile.

Skhura: Andifuni kutya naye. Makazityele ukutya kwakhe. Ndifuna ukulitya ndodwa elam iapile, okanye ndilumise loo mntu ndifuna ukumpha.

Titshala: Utsho ke uSkhura, uthini?

Jordan: Andinanto yokuthenga.

Titshala: Kaloku awukwazi kungabinayo into yokuthenga. Ukuba kunjalo, kuza kufuneka mna nenqununu sibize abazali bakho. Ndifuna ukukunceda ukuze ingafikeleli apho.

EXTRACT PAGES

*Utitshala wazama ngazo zonke iindlela zokuthetha nabo. UJordan wayebonakala esafuna ukuba ngubhonyongo, engafuni ukuphulaphula.*

Titshala: Inye into endiza kuyicebisa, kwaye kuza kufuneka nenze yona. Kuyabonakala uSkhura akafuni nto eza kumdibanisa noJordan, kwaye uJordan wenza ngathi akayiboni ukuba ayilunganga le nto ayenzayo. Nantsi ke, Jordan yiza esikolweni uphethe iskhaftini sakho ukwenzela ukuba ungatyi ukutya kwabanye. Ukuba uyaqhubeka ngokuhlutha ukutya kwabanye, kuza kufuneka inqununu ibize abazali bakho kwaye nesikolo sibone ukuba siza kwenza ntoni ngawe.



EXTRACT PAGES

## Imibuzo emva kokufunda

1. Ngqina kweli bali ukuba amakhwenkwe amadala ayathanda ukuxhaphaza amancinci.
2. Bonisa kweli bali ukuba umenzi wobubi uyohlwaywa.
3. Nika intsingiselo yeli gama: ukuhlutha.
4. Sibe yintoni isiphumo sokungavisisani kwala makhwenkwe?
5. Bhala izivakalisi ezibini ngesi  sihloko: Ukuxhaphaza abanye akulunganga